*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Igora ElinguBora*
*(Brave Bora)*
Illustrated by Ellen Heydenrych
Written by Edna Gicovi
Designed by Raeesah Vawda
Edited by David Mann
Translated by Sebolelo Mokapela
with the help of the Book Dash participants in the Virtual Book Dash on 18 September 2021.

ISBN: 9781776324170

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

UBora usekliniki noTata.

UJojo, unodoli wakhe
oyinkawu, naye ukhona.

UJojo ulele ebhegini kaBora.

brave-bora_interior.indd 6 2021/11/08 16:49

"Andizithandi iinaliti.
Zivisa kabuhlungu!"
atsho uBora.

“Isitofu siyakunceda ukuba uphile. Kulungile ukoyika, Bora. UTata uzakube elapha nawe.  Ngokunjalo noJojo.”



“Bora Baraka!” kuvakala ilizwi elikhulu likhwaza.

“Masingene Bora,” utsho uTata.

“Kungena wena ngoku.”



“Masibuye ngomso Tata!” utsho uBora.

brave-bora_interior.indd 13 2021/11/08 16:49

"Uyakhumbula ukuba uTata uthe uzakufumana ntoni ngokuba ligorha elikwazileyo ukunyamezela isitofu?" uyabuza uTata.

"Istoklekese esibomvu! Kulungile ke, ndiyeza," utsho uBora.

brave-bora_interior.indd 14 2021/11/08 16:49

Ugqirha uncumela uBora. “Yinkawu yakho le? Singayixilonga nayo?” uyabuza.





UBora ujonga kuTata, aphinde ajonge kuJojo, aze anqwale.

“Ngoku, lithuba lakho,” utsho ugqirha.

“Ungandincedisa sinike inkawu yakho isitofu esincinci nje ukwenzela ukuba izive ngcono?” kubuza ugqirha.

"THSUFU!" atsho ugqirha njengokuba etofa inkawu uJojo.

“Ngoku, lithuba lakho. Ingaba ligorha elibalaseleyo elo lisesikipeni sakho?” abuze.



“THSUFU!” atsho njengokuba etofa uBora.

“Itshu!” akhwaze uBora.

“Heke, ayikhange ibe buhlungu kakhulu!”

“Ndiyazi ukuba iyatswikila kancinci nje, kodwa sesigqibile kwaye ubuligorha kakhulu!” utsho ugqirha.

brave-bora_interior.indd 27 2021/11/08 16:49

“Nasi isitoklekese esibomvu segorha lethu elinguBora!”



brave-bora_interior.indd 28 2021/11/08 16:49

